

Inombolo yefayili: 18/5/2  
Isalathiso: 20240409-2957

INGcaciso eMfutshanae yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0009/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente

**ISihloko: Ifasilithi yokwenza i-odolo ngekhompyutha ukulungiselela uku-odola iincwadi zezifundo zeKharithulam i-CAPS kumaBakala 1 ukuya ku-12**

1. Izikolo zaseNtshona Koloni zilindeleke ukuba zinike umfundi obhalisileyo ngamnye incwadi yesifundo (*textbook*) kwisifundo ngasinye.
2. Ukuqinisekisa ukuba umfundi ngamnye kwisikolo ngasinye unazo iincwadi zezifundo zesifundo ngasinye ngo-2025, kucelwa iinqununu ukuba:
  - 2.1 zichaze inani elilindelekileyo labafundi abaza kubhaliswa kwibakala ngalinye ngo-2025;
  - 2.2 zenze uqikelelo lwenani elilindelekileyo labafundi abongezelelekileyo ekuqaleni ngo-2025 ngokusekelwe kwindlela ekuqhele ukwenziwa ngayo kwiminyaka edlulileyo yakutshanje;
  - 2.3 ziqinisekise ukuba ziyaqwalaselwa zonke iincwadi zezifundo ezingasetyenziswanga ezikumagumbi azizitora ngoku; yaye
  - 2.4 zithathele ingqalelo ireyithi yokugcinwa kweencwadi zezifundo yokuphela konyaka yale minyaka yakutshanje.
3. Ingcaciso ekwingongoma 2 kufuneka isetyenziselwe ukuxhasa i-odolo yokongezelela inani elifunekayo leencwadi zezifundo ukwenzela u-2025.
4. Izikolo ziya kunikwa ithuba elinye kuphela lokuba zenze i-odolo yokongezelela inani elifunekayo leencwadi zezifundo ngo-2024, phakathi kowe-13 nowe-24 Meyi, zisebenzisa ifasilithi yekhompyutha eziyiniwe liSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED). Oku kuthetha ukuba izikolo kufuneka zibenexesha lokucwangcisela iimfuno zokongezelela inani elifunekayo leencwadi zezifundo ukwenzela u-2025, zithathela ingqalelo zonke iimeko ezichazwe kwingongoma 2.

5. INgcaciso eMfutshanae yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo 0005/2024, yomhla we-19 Februwari 2024, igxininisa imiba eyinzuzo kwizikolo eziphantsi kwesiqendu-21 xa zithenga iincwadi zezifundo okanye xa zisenza ii-odolo zeencwadi zezifundo kwi-CEMIS xa kunikwe zonke izikolo eli thuba qho ngonyaka.
6. Inkxaso-mali yemimiselo nemigangatho yeZibonelelo eziXhasa uKufunda noKufundisa ezikolweni iya kusetyenziselwa ukuhlawulela ii-odolo zokongezelela inani leencwadi zezifundo ukulungiselela ukukhula kwamanani abafundi elifunekayo ukwenzela u-2025.
7. Ziyakhuthazwa izikolo ukuba zigqibe amalungiselelo azo phambi kwethuba lokufakwa kwee-odolo kwikhompyutha nokuba ziqale ukufaka kwikhompyutha inani elifunekayo leencwadi zezifundo ukususela ngosuku ekuvulwe ngalo isistim yekhomyutha ngowe-13 Meyi 2024.
8. Xa ungena kwi-CEMIS, khetha i-option "Administration" kwi-menu bar yaye ukhethhe u-"CAPS textbook top-up" kwilisti eyehlayo. Kuya kuvela imenyu engezantsi (sub-menu) eya kwenza ukuba ungene kwisikrini i-capture screen kunye nesikhokelo i-"How to guide". Ziyakhuthazwa izikolo ukuba ziziqhelanise neekhontenti zesikhokelo i-"How to guide" phambi kokuba zifake kwikhompyutha ii-odolo zokongezelela inani elifunekayo leencwadi zezifundo.
9. Kucelwa nifunde umyalezo wokwamkelwa nesikhokelo (welcome note and guide) kwi-CEMIS ukuqinisekisa ukuba ngubani na emakudityanwe naye xa kunokubakho nayiphi na ingxaki yokufakwa kwikhompyutha kwee-odolo zokongezelela inani elifunekayo leencwadi zezifundo.
10. Zakuba zingqinisiwe yaye zasayinelwa yinqununu ii-odolo zekhomyutha, isikolo kufuneka siprinte ikopi eliphepha ye-odolo engqinisiweyo, sitshekishe ukuchaneka kwayo yaye siyigcine kwiirekhodi.
11. Apho singafumanekiyo isihloko (title) sencwadi kwisistim yokwenza i-odolo, isikolo kufuneka sisebenzise ithemplethi yokwenza i-odolo eqhotyoshelweyo (Addendum 1) uku-odola iincwadi zezifundo ezivunyiweyo zeKharithulam ye-CAPS eziyimfuneko. Ifom ezalisiweyo ye-odolo kufuneka ingeniswe ngekhompyutha ngqo kuNks Louise John (inombolo yefoni 021 467 2345) apha: [LTSM@westerncape.gov.za](mailto:LTSM@westerncape.gov.za) ungalulanga owe-24 Meyi 2024.
12. Kubalulekile ukuqaphela ukuba ikhontraki yeencwadi zezifundo zeKharithulam i-CAPS yangoku (B/WCED2938/21 yethuba lange-01 Oktobha 2021 ukuya kwi-30 Septemba 2024) yokuthengwa nokuziswa kweencwadi zezifundo, iya kupheliswa ngowe-30 Septemba 2024.

13. ISebe i-WCED liqaphele okokuba izikolo ngamanye amaxesha ziya kulandula ukuziswa kwee-odolo ebezenziwe ngokungachanekanga zizo, yaye oko kuchaphazela iimeko zezemali zabathengisi. Abathengisi okanye ii-arhente ezizisa iincwadi zezifundo aziyi kunyanzeleka ukuba zibuyisele ii-odolo ezithengiweyo ezichanekileyo. Kukhunjujwa iinqununu ukuba izikolo zinoxanduva lokuphendula malunga nemali esetyenziselwe ii-odolo ezenziwe kwi-CEMIS kwaye azinakukhetha ukwenza ngenye indlela, ngaphandle kokuba zizamkele iincwadi zezifundo ezizisiweyo ngokungqinelana ne-odolo esemthethweni.
14. Kucelwa nazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU- MS ABRAHAMS

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**

**UMHLA:** 2024-04-22